NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure

Amanqaku: 100

---

## IMIYALELO

1. Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-11. Nceda uqinisekise ukuba iphepha lakho lemibuzo liphelele.

2. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amabini (u-A no-B).

   ICANDELO A: Inoveli
   ICANDELO B: Imihlathi nemihlathana

3. KWICANDELO A – phendula YONKE IMIBUZO.
   KWICANDELO B – bhala umhlathi omde ube MNYE, nomhlathi OMNYE omfutshane.

4. Phendula imibuzo EMINE iyonke.

5. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

6. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku ombuzo.

7. Nombola iimpendulo zakho ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

---

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO A UNCWADI

## INOVELI: *Tata Sikuxolele!* – Thembisile Nkundlwana

## UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA

1.1 **Funda isicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo.**

> Utitshala uNtloko wamqhawula esithi, "Uphi uyise wamawele ngoba nguye kanye obefanele ukuwahlangula kwesaa sihelegu?"
>
> UNosheleni uyaphendula athi, "Inje le nto titshala uNtloko. ULungiswa ongunina wala mawele wayefunda eMonti, kulapho wadibana khona noyise wamawele, qha zange batshate. Endaweni yoko lo mfana wasuka wanyamalala engazange ahlawule. Kulapho uKhohlela waxabana khona noLungiswa awasuka wamgxotha esithi uyinto engahoywanga nayiloo ndoda ngoba wayeka ukufunda walibala ziziyolo kwela Monti. ULungiswa waguliswa kukungcungcuthekiswa nguKhohlela lowa ephatha kummela phandle emkhwaza esithi makaphume aphele kokwabo ngoba zange ahlawulwe kakade."

1.1.1 Nika amagama amawele ekuthethwa ngawo kwesi sicatshulwa? (2)

1.1.2 Sesiphi isihelegu ekufuneka ehlangulwe/esindiswe kuso la mawele? (1)

1.1.3 Waye phi utata wamawele? (1)

1.1.4 Iqhubeka phi le ngxoxo? (1)

1.1.5 Xela babebaBINI abanye abalinganiswa ababekho kule ngxoxo iqhubeka kwesi sicatshulwa. (2)

1.1.6 UNosheleni uwazi njani amawele? (1)

1.1.7 Yeyiphi injongo ababenayo aba bantu ngale ndibano? (1)

1.1.8 Chaza izizathu zokuba uKhohlela axabane noLungiswa. (2)

1.1.9 Khupha kwisicatshulwa isivakalisi esibonisa ukuba uKhohlela wayemxhaphaza/wayemphethe kakubi uLungiswa. (1)

1.1.10 Utitshala uNtloko wathi uzakwenza ntoni ukunceda amawele? (1)

**[13]**

IEB Copyright © 2024

1.2 Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokufakela igama elishiyiweyo. Khetha kulawo abhalwe ngezantsi.

**UNKOSIKAZI JALI NAMAWELE ESIKHULULWENI SENQWELO-MOYA**

Imoto kaNkosikazi Jali yasuka emzini wakhe 1.2.1 ____________ yayakufika esikhululweni see 1.2.2 ______________. Emva kokuthatha ama 1.2.3 __________________ amawele agqithiselwa kumnyango wabazakuthatha inqwelo-moya eya e 1.2.4 __________________ no 1.2.5 ___________ wayemi ngakuNkosikazi Jali evuya. Bayilinda baze bayibukela xa ibhabhayo ishiya isikhululo sase 1.2.6 ____________________

***MamThembu, tikiti, Monti, nqwelo-moya, O.R Tambo, eMonti***

**[6]**

**UMBUZO 2 IZIGANEKO**

UNobenani ungxolisa amawele kuba engene kwigumbi lokuhlala ngenjongo zokubukela umabonakude.

2.1 Xela ixesha esenzeke ngalo esi siganeko. (1)

2.2 Wenze ntoni uSiviwe xa esiva oku? (1)

2.3 Chaza iziphumo zesi siganeko. (6)

2.4 Indlela enze ngayo uSiviwe ibonisa ukuba:

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi

A Unomqolo.
B Unoloyiko/Uyoyika.
C Ulixoki. (1)

2.5 Cacisa indlela aziva ngayo amawele emva kwesi siganeko. (2)

**[11]**

**[30]**

IEB Copyright © 2024

## INCOKO

Khetha incoko ibe NYE kwezi zingezantsi.

Incoko yakho mayibe phakathi **kwamagama ali-130** ukuya **kumagama ali-180 ubude**.

Khetha phakathi ko**MBUZO WESI-3** no**MBUZO WESI-4**.

## UMBUZO 3

Bhala incoko ephakathi kukaSiviwe noManelisi Fumbatha (umlawuli wesebe lezolimo).

- UMnu. uFumbatha makamkele uSiviwe kuloo ofisi.
- UMnu. uFumbatha makabuze uSiviwe ngabazali bakhe.
- USiviwe makachazele uMnu. uFumbatha ngamagama abazali bakhe.
- UMnu. uFumbatha makachazele uSiviwe injongo yakhe yokumbiza kuloo ofisi.
- USiviwe makabonakalise ukungaqondi acele ukuba acaciselwe kakuhle.
- UMnu. uFumbatha makachazele uSiviwe indlela awohlukana ngayo noNobenani nendlela awaziva ngayo emva koko.
- USiviwe makabonise indlela aziva ngayo ngezi ndaba achaze nendlela awakhula ngayo.
- UMnu. uFumbatha makachazele uSiviwe ngomsebenzi lowo enze isicelo sawo.

**[Isakhiwo sedayalogu/sencoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[15]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4

Bhala incoko ephakathi kuka **Silinda** no**Sinekusasa** ngezifundo zabo eYunivesiti.

- USilinda makabuze uSinekusasa ngeziphumo zemviwo zaphakathi enyakeni.
- USinekusasa makabonakalise ukuvuya abuze uSilinda ukuba uyalwazi na utshintsho.
- USilinda makabuze uSinekusasa ukuba usesesikolweni na.
- USinekusasa makaphendule uSilinda amxelela apho akhoyo, acacise ngotshintsho alwenzileyo.
- USilinda makabonise ukungayiqondisisi kakuhle le ngxelo.
- USilinda makabuze ngezifundo azikhethileyo uSinekusasa.
- USinekusasa makachaze izifundo azikhethileyo.
- USilinda makabuze ixesha okwenzeke ngalo oku.
- USinekusasa makaphendule uSilinda atsho ukuba uziqale nini izifundo ezo.
- USilinda makabonise indlela aziva ngayo ngezi ndaba.

**[Isakhiwo sedayalogu/sencoko naso siya kuthathelwa ingqalelo.]**

**[15]**

IEB Copyright © 2024

## ISINCOKO

Khetha isincoko sibe si**NYE** kwezi zilandelayo. Phendula **UMBUZO WESI-5** okanye **UMBUZO WESI-6**.

Isincoko sakho masibe phakathi **kwamagama ali-180** ukuya **kumagama angama-200 ubude**.

## UMBUZO 5

Ziboniswe njani iziphumo zezenzo zenkohlakalo kuNobenani nakuKhohlela?

Chaphazela ezi ngongoma:

- Sichazele ngentlalo yolu sapho.
- Izenzo zenkohlakalo kuNobenani nakuKhohlela.
- Iziphumo zezenzo zenkohlakalo kaNobenani noKhohlela.

**[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6

Bonisa indlela abalufumene ngayo UTHANDO NOXOLO uSilinda noSinekusasa emva kokuba bezimele/bemkile kwaKhohlela.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Indlela ababehleli ngayo kwaKhohlela.
- Indima edlalwe nguNowinile, uMamThembu, noNkosikazi Jali kwaba bantwana.
- Indlela obutshintshe ngayo ubomi babo emva koku?

**[25]**

**70 amanqaku**

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO B IMIHLATHI EMIDE

- Phendula i-**imeyile** okanye **ileta yoburhulumente**.
- Impendulo yakho mayibe phakathi **kwamagama ali-150** ukuya **kumagama ali-180 ubude**.
- Ukuba ukhetha i-imeyile, sebenzisa isakhiwo se-imeyile esingezantsi.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo nohlobo lobhalo.

## UMBUZO 7 ILETA YOBURHULUMENTE

**Bhalela** inqununu yesikolo sakho ileta uyazise ukuba awuzokwazi ukubuyela esikolweni sakhe kunyaka ozayo ngenxa yotshintsho kwiimeko zempilo kusapho lwakho.

Chaphazela ezi ngongoma:
- Mxelele ngoshintsho olwenzekileyo kusapho.
- Cela iimpepha/amaphepha okugqithiselwa kwesinye isikolo.
- Mxelele ukuba uziva njani ngale meko.

**[20]**

**OKANYE**

## UMBUZO 8 ILETA YOBURHULUMENTE

**Bhalela** iYunivesiti yase*Stellenbosch* ufune iinkcukacha ngeprogramu yokufunda *online*.




Chaphazela ezi ngongoma:

- Fumana ulwazi ngezifundo abazenzayo.
- Chaza izifundo ofuna ukuzenza.
- Buza ngamaxabiso.


**[20]**

IEB Copyright © 2024

**OKANYE**

**UMBUZO 9 I-IMEYILE**

**Bhalela** uManejala wendawo egcina izilwanyana, *iKruger National Park* ubhukishe indawo yokuhlala njengoko ufuna ukuza nomhlobo wakho ngeholide zikaDisemba.




[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Buza:


- Amaxabiso.
- Indawo yokuhlala.
- Inani labantu abangahlala kule ndawo.
- Nezinye izinto ezifumanekayo xa uthe wabhukisha.

**[20]**

**OKANYE**

## UMBUZO 10 I-IMEYILE

**Bhalela** umhlobo wakho ofunda kwesinye isikolo i-imeyile umchazele ngezinto ofuna ukuzenza emva kokugqiba kwakho iMatriki.



[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele ngezifundo ofuna ukuzithatha.
- Mxelele ngeYunivesiti ozakufunda kuyo.
- Mxelele ukuba kutheni ukhethe le Yunivesiti.
- Mbuze indlela azibona ngayo izigqibo ozithathileyo.

**[20]**

IEB Copyright © 2024


## IMIHLATHANA

Khetha umhlathana ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale ngawo.

Umhlathana wakho kufuneka ube **ngamagama ali-120–150** ubude.

### UMBUZO 11 IPOSKHADI

Bhalela amalungu ombutho wolutsha uwakhumbuze ngentlanganiso enizakubanayo ngomhla we-18 kuDisemba, eSt Marks Academy.




[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

**[10]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2024

## UMBUZO 12 ISIBHENGEZO

**Yila** isibhengezo wazise abantu ngomculo wesiXhosa (*IsiXhosa Music Festival)* oza kubakho esikolweni sakho.




[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]

Chaphazela ezi ngongoma:

- Sichazele ngendawo ozakuba kuyo lo mculo.
- Sichazele umhla nexesha.
- Sixelele indawo afumaneka kuyo amatikiti.
- Sichazele nangesinxibo.

**[10]**

**30 amanqaku**

**Amanqaku ewonke: 100**